UMGAQO SISEKO



WEBANDLA LAMA BAPTIST

1. UMGAQO WEBANDLA LASE _____
BAPTIST CHURCH

1. Igama

1.1 Eli bandla kuya kuthiwa yi .....

2. IBaptist Union yamazantsi e-Afrika

2.1 Ibandla esele limiselwe ngokupheleleyo liyakuzifunela ubulungu kwi – Baptist Union yamaZantsi e – Afrika Ibandla liyakuzimela lingalawulwa yi Union.Ibandla xa lithe lamkeleka ebulungwini liya kubugcina buluqilima ubulungu balo kwi Baptist Union yama zantsi e-Afrika ngaphandle kokuba ubulungu obo buye babhangiswa nge 90 % yevoti yamalungu akhoyo kwintlanganiso emiselweyo ngokomgaqo.

3. UKULAWULWA KWEBANDLA NEENJONGO ZALO:

3.1 Eli bandla liyamamkela uYesu Kristu nje ngeyona ntloko yeBandla, lizimisele ukuphatha yonke imicimbi yalo ngokwee mfundiso yomNqophiso oMtsha,likholwa ukuba nje ngomzimba ka Krestu lixhotyiswe ngumoya wakhe ukuba lenze,ligqibe ,likhombindlela ngokwe nqaku 8:1 lalo mgaqo. Eli bandla liya kuzithwala lizifezelkise iinjongo zalo zokunceda ngokucingela nabanye lingena njongo zakwenza nzuzo nangeniso.

3.2 Injongo yeli bandla iyakuba yile

3.2.1 Ukuzukisa inkosi uYesu oyiNtloko yeBandla

3.2.2 Ukushumayela ivangeli yenkosi uYesu Krestu nje ngoko ityhiliwe ezibhalweni, ukukhuthaza nokuxhasa ukubhengezwa kwe Vangeli (nje ngoko kubhaliwe ku Mateyu 28:18-20) ukuya kwiziphelo zehlabathi.

3.2.3 Ukuququzelela imfundiso nobudlelwane, nokwakhiwa kwamalungu ukuba ade afike emlinganisweni wobukhulu bokumazi uKrestu (Efese 4:13)

3.3 <u>Indlela yokusebenza</u>

3.3.1 Eli bandla liyakuma libe yinto ekhoyo ngokuse mthethweni linamalungelo alo, ngokwahlukileyo kumalungu alo.

3.3.2 Eli bandla liyakuhlala lihleli nokuba ubulungu balo buthe baguquka kwakho abaphathi zikhundla aba hluka hlukeneyo.

4. ISIVUMO SOKHOLO

Eli bandla liyasamkela isivumo sokholo esi sesi:

4.1.1 Siyakholwa ukuba izibhalo ezingcwele lilizwi lika Thixo eliphefumlelweyo ngu Thixo saye siwamkela umNqophiso oMdala noMtsha nje ngelona liphakamileyo nelokugqibela igunya lobomi nokholo lomKrestu.

4.1.2 Siya kholwa ku Thixo omnye oziqu zithathu , ohleli ngonaphakade uYise , uNyana noMoya oyiNgcwele.

4.1.3 Siya kholwa ukuba uyesu Krestu wakhawulwa ngomoya oyingcwele wazalwa yintombi uMariya , enobuThixo nemilo yobuntu.

4.1.4 Siyakholwa ukuba uThixo wamdala umntu ngoko mfuziselo wakhe , nokuba umntu wona waze wazithabathela isohlwayo sokufa , enyameni nase moyeni , nokokuba bonke abantu bazithathela isimo sendalo eyonakalayo ethi ivelise (kwabo bathwal'uxanduva lwezimilo zabo) ukwaphula umthetho nobutyala bomntu ngamnye.

4.1.5 Siyakholwa ukuba uYesu Krestu wafa ngenxa yezono zethu , waba lidini lentlawulelo , ngokwezibhalo ,nokuba abo bakholwayo kuye bagwetyelwe ngenxa yegazi lakhe elaphalalayo.

4.1.6 Siyakholwa kuvuko lweNkosi uYesu ngokwase mzimbeni , ukunyukela kwakhe ezulwini , nobomi bakhe bakalokunje nje ngoMbingeleli wethu oMkhulu noMmeli.

4.1.7 Siyakholwa ekuvusweni nasekubuyeni kukaYesu Krestu kwakhona.

4.1.8 Siyakholwa kubuntu boMoya oyiNgcwele , nakumsebenzi wozalo ngokutsha nokuba ekho kwikholwa ngalinye elinyanisekileyo kwinkolo yalo.

4.1.9 Siyakholwa ukuba bonke abayamkelayo iNkosi uYesu ngokholo baze ke babengabantwana baka Thixo.

4.1.10 Siyakholwa kuvuko lwamalungisa nabange malungisa , nentsikelelo engunaphakade yabahlangulweyo nokugxothwa okungunaphakade kwabo bathe abasamkela isipho sosindiso.

4.1.11 Siyakholwa ukuba elona bandla lenene lelo liyintlanganisela yabo abo bakhululweyo ngu Yesu Krestu abazelwe ngokutsha ngoMoya oyingcwele nokuba ibandla lakhe elisemhlabeni lithathe imo nesimilo sebandla lika Moya ukuvuma uKrestu ibe zezona zinto zingu ndoqo kubulungu bebandla.

4.1.12 Siyakholwa ukuba inkosi uYesu wayalela wamisa izinto ezimbini : UBaptizesho nesidlo senkosi ukuze zigcinwe nje ngesenzo esibonisa intobeko nesibubungqina baphakade kwisivumo senkolo yobuKrestu , nokuba uBaptizo kukuntywiliselwa komntu emanzini , olubonakalisa ukuzimanya noKrestu ekungcwatyweni nasekuvukeni kwakhe , yaye isidlo senkosi kukuthabatha inxaxheba kwisonka newayini ezingu mfuziselo womzimba woMsindisi owalinyazwayo ngenxa yethu negazi lakhe elaphalalayo , ukuze sikhumbule ukufa kokuzinikela kwakhe de abuye kwakhona.

4.1.13 Siyakholwa ukuba uThixo wamisa indlela enye yomtshato phakathi komntu odalwe wayindoda nomntu odalwe wangumfazi abatshate ngokusemthethweni.

4.2 **Isivumo See Mfundiso Zobubaptist :**

Ibandla liyazamkela ezi mfundiso zobuBaptist zilandelayo.

4.2.1 Siyakholwa kulawulo oluthe ngqo lwenkosi uKrestu kumKrestu ngamnye nakwibandla lengingqi (lendawo) ngako oko siyaqonda ukuba uKrestu uyalibonakalisa igunya lakhe kwikholwa ngalinye nakwibandla lonke, engathumeli mntu .

4.2.2 Ibandla yintlanganisela yabo bahlangulweyo nguYesu Krestu bazalwa ngoMoya oyiNgcwele.Ibandla lendawo, eliyinxenye yebandla jikelele , ngabantu abakholwayo bekwindawo ethile apho lishunyayelwa khona ilizwi likaThixo nemimiselo yoBaptizo nesisidlo senkosi zigcinwe.Ibandla lizimele ngokupheleleyo laye liyakuhlala lizimele nangona ngokoxanduva

lingathi likwamkele ukumanyana namanye ngokuzithandela kuba ukuzimela akuthethi kuzahlula kwamanye amabandla.

4.2.3 UBaptizo lwabakholwayo njengentobeko kwiNkosi uYesu Krestu nophawu, olubonakalisa inguquko yokholo nozalo ngokutsha,luphethe untywiliselo emanzini egameni loYise,loNyana neloMoya oyiNgcwele.

4.2.4 Ukulawulwa kwebandla ngabantu kulolu hlobo:

Ibandla elimiselweyo phantsi kobukhosi buka Yesu Krestu yeyona nkundla iphakamileyo yebandla nokuba ilungu ngalinye linelungelo lokusebenzisa isiphiwo salo nokuthabatha inxaxheba kulawulo nakunyulo lweenkokheli zebandla(ezingabefundisi nabadala) siyavuma siyamkela into yokuba uThixo ibandla ulinika izipho ezizinkokheli ezi msebenzi wazo ikukukokhela ngoMoya wobucaka. azixhobise azibonise xa kukho ukunxaxha kwezakwaMoya nama Dikoni amsebenzi wawo ikukuwenza lula umsebenzi weBandla le mfundiso iyayiqonda into yokuba ilungu ngalinye lebandla lifanele lithathe inxaxheba kulonyulo lwenkokheli zebandla nokuba intlanganiso yebandla phantsi kobukhosi buka Yesu Krestu yaye ngokwegunya lesiBhalo yeyona nkundla iphakamileyo yebandla.

4.2.5 Siyakholwa kubuBingeleli babo bonke abakholwayo,sikholelwa ukuba umKrestu ngamnye unelungelo lokuziyela ngqo kuThixo ngoYesu Krestu umbingeleli wethu oMkhulu ,abelane naye kumsebenzi wokuxolelaniswa kwabantu noThixo.Lento ke iphethe ukuthandazela abanye,ukunqula uThixo ngenkolo enyanisekileyo nokusebenza okuthembekileyo,singqinela uYesu Krestu,kude kuse esiphelweni sehlabathi.

4.2.6 Imfundiso yokukhonza ngokukhululekileyo :

Akukho namnye umntu oyakunyanzelwa nangurhulumente okanye nabani na ekuhlaleni nokuba yinkokeli yebandla malunga nomcimbi wenkolo.Isazela somntu ngamnye siyakuhlonitshwa.Ikholwa ngalinye linelungelo lokutolika ngendlela eqiqayo nengakrokrisiyo likhokhelwa sisazela salo.

4.2.7 Indlela yokwahlukana kwebandla noRhulumente imi ngoluhlobo : NgokukaThixo la maziko mabini (ibandla noRhulumente)ahlukene

ngokwendlela asebenza ngayo .Ibandla alinakufaniswa noRhulumente kuba alingoRhulumente,kuba kwinkolo yalo nezinto elizenzayo alinakuyalelwa okanye lilawulwe nguRhulumente lingena kunxulumana naye, Uxanduva lukaRhulumente kukuba liliso kwezobulungisa aqinisekise ukuba uluntu ngokubanzi luhleli ngocwangco,akhuthaze intlalo –ntle yabemi belizwe.Uxanduva lwebandla kukushumayela ivangeli lingqine lenze intando kaThixo nenkathalo yakhe yaziwe ngabantu bonke belizwe.

4.3 Naluphi na utshintsho olunokwenzeka ngenxa yenye okanye ezinye imfundiso esele zikhankanyiwe kwezimfundiso zobuBaptist iyakuthathwa njengento engekhoyo ngaphandle kokuba ingqinwe yi 90% yamalungu akhoyo nanelungelo lokuvota kwintlanganiso yebandla yesikhawu ethe yaziswa inyanga ezintathu phambi kokuba ihlale.

5. UBULUNGU

Abantu bangaba ngamalungu ngolu hlobo:

5.1 Ngabo bamagama abo abhalwe kuluhlu lwamagama ebandla ekwamkelweni kwalo mgaqo.

5.2 Ngabo bathe banika ubungqina ngosindiso lwabo ngokukholwa kuYesu Krestu balungqinela ukholo olo ngoBaptizo lokuntywilisela abo bathe bawamkela lomgaqo nokuba bathe bamkelwa ebulungwini ngokwemiqathango ekwinqaku 6.2 kulo mgaqo

5.3 ngabo bathe bamkelwa ngotshintsho bevela kwelinye ibandla lama Baptist (beBaptiziwe ngokuntywiliselwa emanzini bewamkele lo mgaqo ngokwesolotya 6.3)

5.4 Ngabo bazicelele ubulungu,bekwenza oko beqonda kakuhle ukuba ubulungu buthetha ukuzamkela ngokupheleleyo iimfundiso zesivumo sokholo sebandla nangezinto ezingundoqo nezilindelekileyo xa bekubulungu bebandla lamaBaptist bevuma ukuba xa umntu ethe watyeshela enye yezimfundiso uyakubizwa ziinkokheli zebandla,usenokuthi alamkele icebiso nesohlwayo okanye ukurhoxiswa kwibandla lase.....Baptist Church

6.ULWAMKELO LWAMALUNGU.

6.1 Nasiphi na isicelo sobulungu kuya kugqitywa ngaso kwintlanganiso yomntu wonke.

6.2 Ukuzicelela komntu ubulungu phantsi kwenqaku 6.2 kuqala kuMfundisi okanye uNobhala. Igqugula liyawukwenza uphando ngononophelo malunga nemeko yomntu lowo ngokwase moyeni ukuze lakuba ligqibile ngophando olo lobulungu bebandla ligqithise izincomo nezigxeko kwintlanganiso yomntu wonke xa sebelugqibile uphando.

6.3 Isicelo sokuzicelela ubulungu bebandla phantsi kwenqaku 5.3 siya kuqala kuMfundisi okanye uNobhala , Igqugula liyakuthi lizanelise malunga nempilo yakwaMoya nge njongo yokucela incwadi yotshintsho ukuze liyidlulisele kwintlanganiso yabantu bonke (General meeting) xa umenzi sicelo ethe wazigqiba izifundo zobulungu bebandla.

7. UTSHINTSHO LWAMALUNGU .

7.1 Naliphi na ilungu elisebenza ngentembeko elinqwenela ukuzibandakanya nelinye ibandla lama Baptist liyakunikwa incwadi yotshintsho esuka kwibandla elo ebekhonza kulo.

7.2 Naliphi na ilungu elisebenza ngentembeko ebandleni elinqwenela ukuzibandakanya nebandla lama Protestant elinge ngoma-Baptist liya kunikwa incwadi yezincomo eya kwibandla elo anomdla wokuzibandakanya nalo.

7.3 Intlanganiso yomntu wonke iya kwaziswa ngalo naluphi na utshintsho.

8. AMALUNGELO NEEMFANELO KUBULUNGU BEBANDLA

8.1 Phantsi kobunkokheli Ntloko bukaThixo beNkosi uYesu Krestu .UThixo / ubuntloko igunya noxanduva kwizinto zonke ezinxulumene nobomi benkonzo yebandla elixhomekeke emalungwini ,ilungu ngalinye linelungelo noxanduva lokuthatha inxaxheba ngokupheleyo kulawulo nempilo yebandla ndawonye nobu nkokheli balo, nakulonyulo lweenkokheli zebandla.

8.2 Ilungu ngalinye linyanzelekile yaye kulindelekile ukuba liye kuzo zonke iintlanganiso zomntu wonke ukuze nalo libe nako ukuvota kwimicimbi yokwakha ibandla ngoMoya wokuthandaza nothando.

8.3 Kulindelekile ukuba onke amalungu ebendla awuxhase umsebenzi webandla abuququzelele abugcine ubudlelwane bebandla ngomthandazo, ngokuya kuzo zonke iinkonzo zebandla, ngokuthatha inxaxheba kwiinkonzo ezithile , ngokunikela ngokweentsikelelo zikaThixo nangokwazisa bonke abantu abazindwendwe ebandleni nje ngoko esenza njalo uThixo uku lisikelela.

9. ISOHLWAYO EBANDLENI .

9.1 Naliphi na ilungu lebandla elithe alabonakala kwiinkonzo zebandla okanye lityeshele amalungelo neemfuno zobulungu ixesha elide kungekho sizathu siphathekayo , iGqugula liyakwenza uphando , xa kuthe akwabakho sizathu sanelisayo .IGqugula liya kunika ingxelo eliyifumeneyo kwintlanganiso yomntu wonke.

9.2 Xa kuthe kwakho izityholo zokungaziphathi kakuhle okanye iingcinga ezingezizo ngelungu elo lichaphazelekayo , iGqugula (executive) liyakwenza uphando xa kufanelekile , ukuze lenze ingxelo kwintlanganiso ka wonke-wonke (General meeting) ukuze kuthathwe isigqibo esisiso.

9.3 Ukurhoxiswa okanye ukukhutshwa kwalo naliphi na ilungu kuyakwenziwa xa enziwe onke amalinge okulibuyisela aza awaphantsi okanye aphanza.

9.4 Kwizinto ezinxulumene nobomi balo ilungu elo kulindeleke ukuba amalungu athathe amanyathelo ngoko myalelo weNkosi ngokubhalwe kuMateyu 18:15-17.

10.IMIMISELO

10.1 Ubhaptizo

Ngokwabo banqwenela ukuzimanya nebandla ngokwenqaku 5.2 umfundisi ukhululekile ukubaptiza nabani na okholwayo onqwenela oko, ngokuntywilisela, ngokuvuma iNkosi uYesu.

10.2 Isidlo senkosi

Umthendeleko uyakuthathwa rhoqo ngamaxesha elivumelene ngawo ibandla , ngeveki yokuqala okanye yesithathu enyangeni . Ukungena emthendelekweni kuvumelekile nakubanina oyithandayo INkosi uYesu nje ngomsindisi .

11. INTLANGANISO YOMNTU WONKE

11.1 Intlanganiso yokuphela konyaka (General meeting) yomntu wonke.

11.1.1 Umnyaka webandla uyakuphela nge 31 Disemba ize intlanganiso yesibhadlalala ibanjwe kamsinya emva koko ingedlulanga i – 31 March /Matshi yomnyaka olandelayo

11.1.2 UNondyebo noNobhala bayakunika ingxelo ehloliweyo yemali zebandla / ngokuchanekileyo

11.1.3 Abakhokeli bamasebe bayakwenza ingxelo zabo ngemisebenzi yabo yamasebe

1.1.1.4 Ulonyulo lwamaDikoni luyakuqhutywa ukuphela konyaka.

11.1.5 Uluhlu lwemicimbi ekuzakuxoxwa ngayo iyakunikezelwa kuwo onke amalungu eBandla phambi kokuba ihlale intlanganiso.

11.2 **Intlanganiso eqhelekileyo yomntu wonke**

11.2.1 Intlanganiso zesiqhelo ziyakubanjwa ngo-June, September no December

11.2.2 Imicimbi ekuzakuxoxwa ngayo iyakunikezelwa kuwo onke amalungu phambi kokuba ihlale intlanganiso.

11.3 **Intlanganiso yesikhawu yomntu wonke:**

11.3.1.1 Iyakubizwa njengoko kunjalo kumgaqo webandla.

11.3.1.2 Ngokugunyaziswa liGqugula

11.3.1.3 Ngesicelo esibhalwe ngamalungu akumyinge we -10 (echaza injongo) ingaphelanga inyanga sibhaliwe isicelo eso.

11.3.2 Isaziso sentlanganiso yesikhawu siyakuthunyelwa kuwo onke amalungu ebandla iintsuku ezilishumi elinesine phambi komhla wentlanganiso sichaza ngokucacileyo eyona miba izakuthi iqwalaselwe.

H, **11.4 ISININZI**

11.4.1 Amashumi amathathu ekhulwini 30% amalungu ebandla avumelekile ukuba angayiqhuba intlanganiso axoxe njengesininzi.

11.4.2 Ukuba inani alanelanga kwintlanganiso yebandla mayiphinde ibizwe kwa ngelo xesha kudityenwe ngalo kwintsuku ezisixhenxe ezilandelayo ukuze amalungu akhoyo ayiqhube intlanganiso nje ngesemthethweni.

11.5 ISAZISO SENTLANGANISO

11.5.1 Isaziso zentlanganiso yeBandla masenziwe enkonzweni iicawe ezimbini ezandulela umhla wentlanganiso njengoko kubhalwe njalo ku (11.1.5)(11.3.2)

11.5.2 Ukungasifumani isaziso sentlanganiso nje ngoko lisitsho inqaku 11.1.5 ne nqaku 11.3.2 akuyi kwenza ukuba ingaqhubeki intlanganiso.

11.6 UKUVOTA

11.6.1 Kuphela ngamalungu afikelele kwishumi elinesibhozo leminyaka (18 yrs) ezelwe ayakuba nelungelo lokuvota

11.6.2 Kuphela ngamalungu akuluhlu lwamalungu eBandla anelungelo lokuvota.

11.6.3 Ngaphandle kokuba kubekho imfuneko ngokwalo mgaqo yonke imicimbi iyakuqhutywa ngevoti yesininzi samalungu akhoyo.

11.6.4 Ukuvota kuyakwenziwa ngokuphakamisa izandla

11.6.4.1 Ngaphandle kokuba kukho utshintsho kwenye indawo kulo mgaqo.

11.6.2 Ngaphandle kokuba kukho elinye ilungu elicela ukuba kubhalwe emaphepheni

11.6.5 Akuvumelekanga ukuba kuposwe ivoti okanye kuyalezwe kwelinye ilungu xa kuzakuvotwa ukuze livotele elinye.

11.7 IMIZUZU

11.7.1 UNobhala uya kubhala imizuzu kuzo zonke iintlanganiso ayigcine kwindawo ekhuselekileyo ukuze kubelula ukuwanika okanye ukuwathumelela amalungu

12. USIHLALO

12.1 Umfundisi ukuba babini iyakuba ngomkhulu usihlalo wazo zonke intlanganiso zebandla neze Gqugula (executive) ngaphandle kokuba kuxoxwa ngaye okanye nguye okhethe ukushiya isihlalo

12.2 Xa engekho uMfundisi umncedisi wakhe nguye oya kuthabatha isihlalo njengoko kuchaziwe ku 12.1

12.3 Xa u 12.1 okanye u 12.2 bengaphumelelanga intlanganiso iya konyula usihlalo walo ntlanganiso yodwa

12.4 Usihlalo uya kubanelungelo lokuxoxa nokuvota

12.5 Ukuba isinye esithathwini (1/3) samalungu anelungelo lokuvota abavumelani nesindululo esingakhange saziswe kakuhle,usihlalo unegunya lokuba asirhoxisele intlanganiso elandelayo isindululo eso.

13 IGQUGULA

13.1 UMfundisi ,amaDikoni kunye naBadala ngabo abaya kuba liGqugula leBandla.

13.2. IQqugula lilo eliya kuphatha imisebenzi yeBandla lisebenzise imali ngokuyalelwa liBandla ezintlanganisweni zalo , liyakuthwala yonke imisebenzi eliphathiswe yona libandla nemali zeBandla ,linike ingxelo ebandleni ngomsebenzi walo nendlela esetyenziswe ngayo imali yeBandla.

13.3 Igqugula liyakuhlangana kube kanye ngenyanga xa kusenzeka

13.4 Amashumi amahlanu ekhulwini (50%) amalungu eGqugula iyakuba linani elaneleyo ezingxoxweni.

13.5 IGqugula kwintlanganiso yokuqala emveni kwentlanganiso yokuphela konyaka liyakuzonyulela kwelo nani lalo uNobhala noNondyebo ukuze olo lonyulo luphunyezwe kwintlanganiso elandelayo.

14. AMADIKONI.

14.1.1. Ibandla liyakuzonyulela amaDikoni kumalungu alo ngolu hlobo:

14.1.1 angabi ngaphantsi kweminyaka eyi 21 ezelwe

14.1.2 angabi ngaphantsi kwenyanga ezintandathu (6 months) elilungu lebandla

14.2 Inani lamaDikoni aliyikuba ngaphantsi kwesine (4)

14.3 UmDikoni uyakonyulwa isithuba seminyaka emibini emveni koko usengaphinde onyulwe abe ngumdikoni eminye iminyaka emibini.

14.4. Ulonyulo lamaDikoni luyakwenziwa ngencwadi eyakuthi igqithiselwe kuNobhala webandla isayinwe ngulowo wonyulwayo , nowenze isiphikamiso nothe waxhasa, iintsuku ezisibhozo phambi komhla wentlanganiso elandelayo .

14.5 Onke amagama abonyulwa ayakwaziswa kwicawe yokugqibela phambi komhla wentlanganiso apho kuyakuqhutywa khona ulonyulo.

14.6 Xa kuthe kwakho isithuba sobuDikoni esivelayo, eso sithuba siyakuvalwa kwangale ndlela ikhankanywe ngasentla apha kwintlanganiso kodwa lingedlulanga ixesha elifanelekileyo nekuvunyelwene ngalo.

14.7 Ulonyulo malenziwe ngamaphepha (ballots)

14.8 Kuphela ngabonyulwa abanevoti ezisisiqingatha (50%) samalungu akhoyo entlanganisweni abayakubhengezwa njengabafanele ukuvala eso sithuba.

15 ABADALA

15.1 Ibandla lilo ekufuneka libeneliso amaxesha ngamaxesha ukuba konyulwe umntu ozakungena kwisikhundla sokuba abengumDala webandla ,abengumntu owaziwayo ngesiphiwo asiphiwe nguMoya Oyingcwele ofanele lo msebenzi (nonezi mpawu ezichazwe kwincwadi ka Timoti no Tito.

15.2 Emveni kokuba sithe saqwalaselwa isindululo okanye isiphakamiso esivela kumalungu ebandla iGqugula liyakuyicebisa intlanganiso yomntu

wonke ngomntu/ abantu abo ngobulungu nokukhula kwakhe kwezakwamoya, ozinzileyo elukholweni , nasekuhlaleni baliphakamise igama lakhe njengomntu owufaneleyo lomsebenzi. Igama okanye amagama alo malungu aneempawu ezifanele ukuba bangangena kwesi sikhundla ayawuthi aziswe entlanganisweni xa kusaziswa intlanganiso ,xa sele kufunyenwe imvume kumonyulwa.

15.3 Umqgatswa ngamnye uyakuvotelwa ngesibini esithathwini samalungu akhoyo entlanganisweni leyo ichophele lo mcimbi ngamaphepha (Ballots).

15.4 UmDala uyakuwusebenza lomsebenzi xa eselilungu lebandla (okanye ixesha elibekiweyo ekugqitywe kulo)

15.5 Abadala bayakuhlala bengamalungu eGqugula.

15.6 Inani labaDala abafunekayo liyakugqitywa yintlanganiso yomntu wonke ngokwecebiso leGqugula.

15.7 NgabaDala abayakudlana iindlebe bancedisane, bacebisane noMfundisi ukukhathalela umsebenzi nokujonga neemposiso zebandla ngokwaseMoyeni.

16. UBUFUNDISI .

16.1 Ubufundisi lubizo, ekufuneka umfundisi nebandla balandele inkokhelo kaThixo benze unakonako ukulandela inkokhelo kaThixo. Ukubizwa nokuxhaswa komfundisi luxanduva lamalungu ebandla phantsi kweNkosi uYesu inkxaso yenzisisiswe.

16.2 Xa kuyimfuneko ukuba kubizwe umfundisi makulandelwe le nkqubo:

16. 2.1 Intlanganiso yomntu wonke iyakonyula amalungu ebandla angekho ngaphantsi kwesine asebenze neGqugula eliyikomiti ehlalela ukubizwa komfundisi.

16.2.2 Ikomiti eququzelela ukubizwa koMfundisi iyakuphakamisa igama libelinye ngexesha kwintlanganiso yebandla yesikhawu yomntu wonke.

16.2.3. Isicelo sokubizwa komfundisi siyakuhlalelwa liqela labantu ngolu hlobo:

16.2.3.1 Isibini kwisithathu samalungu akhoyo entlanganisweni ayakuvota ngamaphepha.

16.2. 3.2 Umfundisi / abefundisi mababe ngabaBaptiziweyo ngokuntywiliselwa babhale incwadi evumayo ukuba bayawamkela umgaqo weli bandla.

16.2.3.3 Umfundisi lowo uyakuba lilungu lebandla elo limbizileyo ukuba aqalise ubufundisi kulo.

16.2.3.4 Umfundisi makabe ngogama lakhe likhoyo kuluhlu lwabefundisi be Baptist Union yamazantsi e Afrika.

16.23.5 Ukuqhogana okukhoyo phakathi komfundisi neBandla kuyakuphela ngesaziso seenyanga ezintathu macala omabini ngaphandle kokuba kukho sivumelwano sithili esenziwayo kwangaphambili

16.2.3.6 Umgaqo wesimilo nokuziphatha koMfundisi we Baptist Union yamazantsi e-Afrika uyawukwamkelwa usayinwe ngumfundisi lowo

16.2.3.7 Incwadi yobizo ebandakanya imisebenzi ka Mfundisi neemeko ayakusebenza phantsi kwazo ziyakuhlalelwa phantsi zilungiselelwe, zakuba zamkelwe, zisayinwe ngu Mfundisi/ ngabefundisi

16.2.3.8 "Ikomiti yokubiza umfundisi" iyakukhethwa libandla ukuze ibhale incwadi yobizo equlathe izigqibo, isivumelwano neemeko zendlela azakusebenza phantsi kwazo, lidibane no mfundisi, avume, naye azithethe izikhalazo neengxaki ezi malunga nobufundisi eze namacebiso ,kwinkokheli zeba ndla xa kukho imfuneko yoko.

libandla elimiselwe ngokupheleleyo liyakubanegunya lokugxotha umfundisi [ngokwesiqendu 11.3]

16.2.3.9 Iminyaka yobudala yokuhlalaphantsi komfundisi yi 65. ezelwe ibandla linako ukuba lingasenza isicelo sokuba umfundisi alikhonze isithuba sonyaka ngokwesivumelwano sakhe nebandla.

17. AMASEBE

17. 1 Zonke Inkokheli zawo onke amasebe ezithe zonyulwa mazibe zingamalungu ebandla.

17.2 Inkokheli ethe yonyulwa lisebe ngalinye iyakuvunywa ligqugugula/imiselwe kwi ntlanganiso yomntu wonke

17.3 Isebe ngalinye liyakuzonyulela ikomiti yalo

17.4 Isikolo seCawa /Family Bible hour ziyakuzonyulela umntu wazo /umququzeleli wazo

18 IMALI

18.1 IBandla liyakuxhaswa ngemali yabantu abanikela ngokuchwayita novuyo (ngokweziBhalo)

18.2 Ligqugula eliyawukwenza isigqibo ngendlela yokunikela ngokuchwayitileyo

Akukho mnikelo uyakwamkelwa ukuze urhoxiswe ngenxa yokuba kungathanga kwenziwe ngokomgqaliselo nenjongo zalowo unikelayo

18.3 IIncwadi zeBandla ziyakuba selugcinweni olululo lukaNondyebo

Zonke izinto zeBandla ezihlawulwayo mazenziwe ngeAccount yeBank egameni leBandla

18.4 Minyaka le amalungu eBandla ayakonyula umntu/ oyingcali kwezezimali oyakuphonononga ukhuseleko lwezinto zeBandla enze ingxelo ngemali zebandla agqithisele ingxelo kumalungu ebandla ngokubhaliweyo iintsuku ezilishumi elinesine phambi kwentlanganiso yonyaka yomntu wonke . Le ngxelo iyakucacisa ngobukho bokhuseleko olululo nezinto ezibhalwe zagcinwa ngokucacileyo ,abonise ngokuthe gca , abonise ngocoselelo indlela ezenziwe zaqoqwa ngayo iincwadi ze (accounts) ezinikezelwe kuye.

18.5 Ingeniso yebandla, umhlaba nempahla aziyikwahlulahlulelwa amalungu ebandla okanye abo babambe izikhundla , ngaphandle kwembuyekezo / kwentlawulo ayinikwa ngomsebenzi , athe awenza ngokuvumelana namalungu ebandla elo .

Akukho mali yambuyekezo iyakuhlawula umqeshwa, umgcini sikhundla , ilungu okanye umntu ngaphezu kwemali ebefanele ukuba uyayinikwa.

18.6 Amalungu okanye abasezikhundleni (office bearer) abanawo amalungelo amabango kwizinto / umhlaba webandla okanye izinto elinazo ibandla kuba bengamalungu okanye benezikhundla ebandleni.

18.7 Ingxelo ezibhalwe phantsi zebandla nazo zonke ingxelo mazihlolwe ukuze zinekezelwe ku Director of non-profit organizations zingekapheli iinyanga ezintandathu zokuphela konyakamali.Ibandla iyakudlulisa zonke iinkcukaca zengeniso kwi South African Revenue Services ndawonye namaphepha abhaliweyo axhasa yonke inkcitho yemali zebandla.

18.8 Ukusebenzisana neemfuno ze South African Revenue Services zokungahlawuliswa irhafu 85% yemicimbi\yezinto ezenziwa libandla,ngokomlinganiso wexabiso okanye ixesha elichithiweyo ziyawukwenziwa ngeenjongo zokuba zibelulutho kubantu beli izwe

19 IZINTO EZITHENGWAYO

19.1 Ibandla liyakubanegunya lokuthenga,lithengise linikele,liqeshise okanye liqeshe,lenze utshintshiselwano,utshintsho ngokunikela okanye lamkele iminikelo,(donation)nokuba kungezinto ezithathwayo okanye ku Masipala,libambise(mortage bonds) nezinto ngokugcina imali kungenjalo ezibhankini, eposini okanye kumaqumrhu avunyiweyo ngokunjalo liyakubanegunya lokuboleka imali ngokubambisa ngento okanye ngaphandle kokubambisa ngokwaloo ndlela nakuyiphi na indawo ebolekisa ngemali engaphezu kweyafakwayo(overdraft) ngokudlulisa izibambiso nentlawulo ezifungelweyo zokubhalisa ngabona bantu basemagunyeni,livule lisebenzise I - account zebanki lirhole,lamkele lenze isaphulelo likhuphe lihlawule,izithembiso zokubhatala imali ezithile,ukubhatala amatyala (promisary notes).

19.2 Imali zebandla ziyakusetyenziswa ngokwenjongo eyamiselwayo okanye zifakwe nakwiziko logcino mali njengoko iSection1 yeFinancial services Board Act 1990 (Act No 97 of 1990 okanye ibhaliwe ichaziwe indawo yogcino mali yequmrhu ethe yacingwa (a) kwinkonzo kampani ezikuludwe lwenkampani ezidwelisiweyo

20 IMPAHLA YEBANDLA

20.1 Zonke izinto ezinje ngezindlu ezifunyanwa libandla ziyakubhaliswa egameni laba phathiswa (trustees)bebandla.Bayawukwenza ngokwee mfuno zezigqibo zentlanganiso(yomntu wonke)yebandla.

20.2 Okwexeshana abaphathiswa njengamalungu eBaptist Union yamazantsi eAfrica bayakubangabaphathiswa bebandla .yonke into bayakuyenza ngokwesigqibo sentlanganiso yomntu wonke webandla

20.3 zonke izinto ezingokufunyanwa kwezinto ezingenakuphathwa ziyakufuna imvume kwintlanganiso yomntu wonke, xa kukho isaziso esithe sakhutshwa ngenxa yeziphakamiso zentengiso ziyakwenziwa ngesibini ekhulwini samalungu akhoyo.

20.4 Nasiphina isiphakamiso sokuthengiswa, sokunikela, utshintsho, isibambiso isimiselo njengesibambiso okanye ukupheliswa , kungenjalo ukupheliswa ukuhlawulwa kwendlu siyakuqale sifumane imvume yentlanganiso yesikhawu yomntu wonke ngesibini esithathwini kwisininzi sevoti yamalungu akhoyo.

21. UKUTHENGISWA KWEMPAHLA

Inkqubo yokuthengisa okanye ukuchithwa kwayo nayiphi impahla yebandla iyawukwenziwa ngendlela eyakuthi libone ibandla kufaneleke njalo ukuqhubela phambili injongo zebandla

22. UKHUSELEKO

Bonke abaphathiswa nezinxibamxhaka zebendla bayakufumana ukhuseleko kuwo onke amanyathelo , amaxabiso , umdliwo , ilahleko , umonakalo nazo zonke iindleko ezithe zakho zongezwa xa bebesenza wonke lo msebenzi ngaphandle kokuba benze ngobutyhakala nangabom okanye ngokungakhathali kwabo

23. UKUBHANGISWA

23.1 Ukubhangiswa kwebandla , ukupheliswa kobukho bebandla liyakusenza ngesibini esithathwini samalungu akhoyo entlanganisweni yesikhawu yomntu wonke.

23.2 Xa kuthe kwenzeka nge 23.1 , intlanganiso iyakugunyazisa iGqugula ukuba lithabathe amanyathelo angawo ukuyigqibezela yonke imicimbi yebandla ngakumbi ukutshintshwa (transfer) kwezindlu impahla ngokwenkqubo ye Baptist Union yamazantsi eAfrica, (khangela ku – 23 .4)

23.3 Xa inani lamaDikoni lithe langaphantsi kwelo lifunekayo ku (1:4 -2) intlanganiso iyakonyula igunyazise nawuphina umntu okanye abantu basebenzisane ngezinto ezifunekayo malunga nalo mcimbi.

23.4 Xa kuthe kwenzeka ukuba ibandla liphele lingabisabayinto ekhoyo zonke iimpahla , amalungelo kwimpahla leyo kungelo xesha apho ke iyakuthi ibe yeyeBaptist Union yamazantsi eAfrika , iyigcine , iyilawule okanye iyisebenzise ngendlela emiselwe ngayo yi Union ngekomiti ye eGqugula (ngendlela eliyibona ifaneleke ngayo ukuyikhusela ngayo ngokwenjongo ezibhalwe kwi solotya 3.

23.5 Ibandla ke liyakuba alikho , liphelile

23.5.1 xa kuthe kwafikelelwa kwizigqibo zokuba ibandla lingabikho / liphele ngokwe 23.5.

23.5.2 xangakukhonzwa inyanga ezi ezintandathu (6) zilandelelana

23.5.3 xa inani lamalungu awaziwayo amagama awo nendawo ahlalakuyo lehle langaphantsi kwe shumi (10.)

24. UKUHLAZIYWA KOMGAQO WEBANDLA.

24.1 Nasiphina isiphakamiso sokuba umgaqo siseko webandla mawuhlaziywe ngokutsha mayidluliswe ngesaziso nesindululo , nakuyiphina intlanganiso yomntu wonke.

24.2 Isaziso sesindululo eso siya kuthunyelwa kumalungu onke ukuze asihlalutye kwintlanganiso yesikhawu yomntu wonke eyakubizwa zingaphelanga iinyanga ezintathu emva kwentlanganiso yomntu wonke ebhekisele ku 24.1 yalo mgaqo.

24.3 Naluphina utshintsho kulo mgaqo luyakwenziwa ngemvume yesibini esithathwini 2/3 samalungu akhoyo entlanganisweni ngengqwalasela yokuba inani lamalungu akhoyo akakho ngaphantsi kwishumi nokuba angakanani na amalungu ngokwase ncwadini.

24.4 Ukuvunywa nokwamkelwa kwalo mgaqo xa lithe iGqugula le Baptist Union yaMazantsi eAfrica (Baptist Union of South Africa) lavuma ukwamkela lo mgaqo lenze oyena ndoqo eyona nto ifunwa ngamalungu eUnion kanti nasiphini na isihlomelo salo mgaqo okanye utshintsho kwangokunjalo siyakuyithobela imvume yeGqugula nje ngemeko yokuqhubeka kobulungu

24.5 Nangona lingakho isolotya elinxamnye nalo mba uchazwe ngasentla apha , akukho lutshintsho luyakwenziwa kulo mgaqo olungathi luchaphazele utshintsho lwemfundiso echazwe kwisolotya 3.1 (wokuba igunya likumalungu qwaba)

24.6 Makwaziwe ukuba isolotya 3.1,8.1 no 24.6 emi awanakurhoxiswa , engenakuhlonyelwa okanye kuvunyelwane ngalo

24.7 Ingcaciso ekwisivumo semfundiso zobuBaptist eziqulathwe kwisolotya (clause) 4.2 sisithintelo yaye asisayi kurhoxiswa okanye sihlonyelwe ngaphandle kwe 90% yesininzi sevoti yamalungu akhoyo nanelungelo lokuvota kwintlanganiso yebandla emiselweyo yesikhawu eyaziswe kwinyanga ezintathu phambi kwale ntlanganiso.

24.8 Xa lithe ibandla larhoxa kwi Union zonke iimali ze Union ebezincedisa ekuphuhliseni ibandla nempahla ze Baptist union ziyakubuyiselwa kwi Baptist Union ngoku khawuleza. Eli solotya limi alinakujikwa, livaliwe

25 ISISOMBULULO SEYANTLUKWANO/ SENGXABANO /IZINTO EZIBANGA INKXALABO.

25. 1 Xa kuthe kwakho impikiswano

okanye

- into edala inkxalabo phakathi kweqela amalungu asashiyelekileyo kubulungu bawo

okanye

- phakathi kweqela

okanye

- amaqela amalungu asashiyileyo kubulungu bawo

okanye

- phakathi komfundisi namalungu onke

okanye

- amaqela aphakathi emalungwini

okanye

- phakathi koMfundisi neGqugula

okanye

- phakathi kwe Gqugula namalungu ,

okanye

- phakathi koMfundisi apho omnye waba bakhankanywe ngasentla aphazamise emsebenzini webandla lilungelo lomnye waba beFundisi

okanye

- omnye wamalungu amane ekomiti yeGqugula

okanye

- ishumi lamalungu ebandla kungenjalo:

25.1.1 abize intlanganiso yesikhawu yekomiti ye Gqugula ngenjongo zokusombulula iyantlukwano ekhoyo

Bayakuthi bacele abantu abathathu abangengomalungu ebandla abatyunjwe liGqugula lebhunga lebandla eliphantsi kwalo ukuze babekho kuloo ntlanganiso. Omnye wabantu abo uyakutyunjelwa ukuba ngusihlalo wentlanganiso okanye iintlanganiso.

25.1.2 Kuya kunyanzeleka ukuba nabo bangunobangela wempikiswano bonke basebenzisane neGqugula lebandla nabo bathathu bangabameli beBhunga nje ngoko bebizelwe ukuza kulamla benze unako nako ukuzisa isisombululo sokubonisa uzuko luka Thixo.Abameli beBhunga bangabhala incwadi xa bethanda njalo bayidlulise incwadi ene ngxelo namecebiso angawo malunga nomcimbi lowo bebewucophele.

25.1.3 Xa zithe ingxoxo azabi naziphumo zanelisayo eku sonjululweni kweyantlukwano zokungaboni ngasonye,okanye kwezondawo zinika inkxalabo,abameli be Bhunga bayakunika icebiso kusomakhonkco (Co-ordinator) wendawo leyo ukuba konyulwe umntu ozimeleyo ozakukhokhelela ibandla ekusonjululweni kwembambano nje ngokuba kubhalwe njalo ku **25.1.5** ngase zantsi apha,

25.1.4 okanye kucele usomakhonkco (co-odinator) webhunga ophantsi kwalo ibandla elo ngokobulungu , oyakuthi alikhokelele kwesona sisombululo sisiso njengoko kubhalwe njalo kwisolotya 25.1.5 ngasezantsi apha

25.1.5 Kule nkqubo , eyakubandakanya intlanganiso nodliwano ndlebe , onke amalungu ebandla ayakuzibophelela ukuba athathe inkxaxheba kuyo nayiphina indlela elindelekileyo kuwo ukuze kuvele esona sisombululo esiya kuthi senze kuzukiseke uThixo ngoku sonjululwa kwezi yantlukwano nenkxalabo.

25.1.6 Umntu lowo owonyulwe ngusomakhonkco waloo ndawo, ibandla liyakumbuyekeza ngeenkonzo athe waziqhuba nangeemali azichithileyo ngokuhambela lo mcimbi.

26. UKUVUNYWA/UKWAMKELWA KOMGAQO

Lomgaqo wonke ungasentla waye wamkelwa kwintlanganiso yebandla lase ----------
Baptist Church ngomhla we ----------

---------- ----------

UNOBHALA USIHLALO

Ilungu ngalinye lebandla liyakuwamkela lomgaqo siseko, ngokuthi lifake isicelo sobulungu ze linikwe icopy yalomgaqo okanye ngokuthi lungu elo lisayine icopy yomgaqo siseko .